Isalathiso: 20210804-4811
Inombolo yefayili: 13/7/1/2
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0012/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili zemfundo), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Isikhokelo solawulo esimalunga noMsebenzi woVavanyo lwePraktikhali ye-*Tourism* (*Tourism Practical Assessment Task*) olungiselelwe iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2021

1. Intshayelelo

IMisebenzi yoVavanyo lwePraktikhali (*Practical Assessment Tasks* (*PATs*)) yenziwe kwizifundo ezinekhomponenti yepraktikhali. Ezi *PATs* ziyinxalenye yeemfuno ezimiselweyo zovavanyo kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2021 njengoko kuchaziwe kwi-*Curriculum and Assessment Policy Statement* (*CAPS*).

2. I-PAT ye*Tourism* yango-2021

2.1 Itshintshile ifomathi ye-*PAT* ye-*Tourism* yango-2021 ngokunqinelana ne-*Abridged Section 4 Grade 12 CAPS ze-CAPS yeBakala 12* (*Abridged Section 4 Grade 12 CAPS Amendments)* (Januwari 2021). *IZikhokelo zooTitshala* ezenzelwe i-*PAT* ye-*Tourism* zenziwe zafumaneka ezikolweni ekuqaleni kwalo nyaka.

2.2 Ootitshala baya kuba yinxalenye yeseshoni yeengxoxo nengcaciso eziququzelelwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni ezingolawulo lwe-*PATs* nokuba abaviwa bazilungiselelwe njani na iiseshoni zokubhala.

2.3 Iinqununu neentloko zezifundo ezinoxanduva lwesifundo se-*Tourism* maziqinisekise ukuba ootitshala be-*Tourism* basebenzisa *iZikhokelo sikaTitshala* (*Teacher Guidelines*) *(Mediation and Information*) ukubalungiselela abaviwa ngokwaneleyo abenza i-PAT ye-*Tourism* ngo-2021.

3. **Ulawulo lwe-PAT ye*Tourism***

3.1 I-*PAT* ye-*Tourism* iya kufika ezikolweni kwiveki yowe 10-12 ka-Agasti 2021yaye kufuneka ngoko nangoko igcinwe kwisefu yesikolo kude kube ngowe-16 Agasti 2021.

3.2 Ngokuxhomekeke ekubeni zeziphi na iintsuku ezimbini isikolo esiya kwenza ngazo i-*PAT* ye-*Tourism*, isingxobo esiqulethe i-*PAT* yosuku 1 nepekhi yezibonelelo zingavulwa kuphela ngosuku lokuqala yaye i-*PAT* yosuku 2 kufuneka emva kwangoko ivulwe ngosuku olusemva kosuku lokuqala.

3.3 I-*PAT* iya kwenziwa ukususela ngowe-16-27 Agasti 2021 ngeeyure zesikolo phantsi kweemeko **ezilawulwayo** (***controlled*** *conditions*). Iimeko ezilawulwayo zithetha ukuba i-*PAT* mayibhalelwe esikolweni, ngamaxesha amisiweyo naphantsi kweliso elibukhali lomgadi wabaviwa onyulwe yinqununu. Utitshala/ootitshala be-*Tourism* abanako ukusebenza njengabagadi babaviwa.

3.4 Ii-*PATs* yosuku 1 ziya kukhutshwa namaphepha efoliyo yaye i-*PATs* zosuku 2 ziya kukhutshwa kunye neencwadi zeempendulo ezindala ze-*Adult Education and Training Level* (*AET L*4) ezenzelwe abafundi ukuze babhale i-*PAT*. Incwadi yeempendulo i-*AET L*4 inekhava epinki ngaphandle (*pink cover*). Phambi kokuba abafundi baqale ukubhala i-*PAT* yosuku 2, ikhava yencwadi yeempendulo epinki mayisuswe kwincwadi yeempendulo ye-*AET L*4 yaye incwadi yeempendulo kufuneka isetyenziswe njengamaphepha efoliyo.

3.5 Ixesha elabelwe i-*PAT* ziiyure ezisibhozo, elahlulwe laziiseshoni ezimbini zeeyure ezine. Iiseshoni ezimbini zeeyure ezine mazimiselwe iintsuku **ezimbini ezilandelelanayo**. Ixesha lokuphumla phakathi kweeseshoni lakucwangciswa ngalo ndlela sibona ngayo isikolo.

3.6 Abaviwa mabaye esikolweni ngazo zombini iintsuku ezimiselwe i-PAT ye-Tourism.

3.7 Abaviwa abangayanga kwiseshoni yokubhalwa kwe-*PAT* (benesizathu okanye bengenasizathu sivakalayo), kuya kujongwana nabo ngokwe-*Regulations on the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examinations,* epapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 37651 yowe-16 Meyi 2014

4. **Ukubhalwa kwe-*PAT***

4.1 I-*PAT* iqulethe amacandelo amabini, **usuku lokuqala nosuku lwesibini,** yaye iquka ipekhi yezibonelelo (*resource pack*). Ipekhi yezibonelelo iya kukhutshwa kuphela ngexesha leeseshoni zokubhala ezahlukahlukeneyo.

4.2 Umviwa ngamnye makafumane ikopi yakhe ye-*PAT* nepekhi yezibonelelo . Abaviwa baya kufumana i-*PAT* eyenzelwe usuku lokuqala ngosuku lokuqala ne-PAT eyenzelwe usuku lwesibini ngosuku lwesibini lweeseshoni zokubhala.

4.3 Le pekhi yezibonelelo inye iya kusetyenziswa kuzo zombini iintsuku zeeseshoni zokubhala. I-*PAT* egqityiweyo yosuku ngalunye nepekhi yezibonelelo mazithathwe ekupheleni kweseshoni yokubhala nganye.

4.4 Xa kufunyanwa ipekhi ye-*PAT* elungiselelwe usuku, abaviwa mabaqinisekise ukuba onke amaphepha afakiwe. Abaviwa kufuneka bachithe imizuzu elishumi befunda imiyalelo yaye baziqhelanise nekhontenti yawo omabini amaxwebhu.

4.5 Zizibonelelo nezihlomelo kuphela ezibonelelwe kwipekhi yezibonelelo ezisemthethweni emazisetyenziswe. Abaviwa **abayi** kuvunyelwa ukuba bangene nazo naziphi na izibonelelo kwindawo yokubhalela uviwo. Akukho zixhobo zizi-*electronic equipment* (iikhompyutha, *iilephutophu*, iiselula, ezokufikelela ku-intanethi) ekuvumelekileyo ukuba zisetyenziselwe ukubhala i-*PAT*.

4.6 I-*PAT* yosuku ngalunye mayigqitywe ngosuku olumisiweyo. Akusayi kunikwa xesha longezelelweyo, ngaphandle kwemeko apho kunikwe imvume yokuxolelwa kubaviwa abaneemfuno ezizodwa.

4.7 Zonke ii-*PATs* mazibhalwe ngesandla, ngaphandle kwabafundi abenze isicelo semvume yokuxolelwa.

4.8 Ukubolekisana ngezinto zokubhala akusayi kuvumeleka kwindawo yokubhalela uviwo.

4.9 Utitshala we-*Tourism* kufuneka abekhona esikolweni ngeentsuku ekubhalwa ngazo i-*PAT* ukuze anike ingcaciso neengcebiso, apho kukho imfuneko. Kufuneka kubekho umgadi wabaviwa omnye olungiselelwe i-30 yabaviwa nganye.

5. Kucelwa iinqununu namagosa ezithili ukuba bazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubasebenzi, kubazali nakubafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-08-10